



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2013

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELWEYO – P1**

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali – 12.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU, umzekelo ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ukusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE nasemva kwempendulo NGANYE.
4. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
5. Landela imiyalelo ngocoselelo.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Fundisisa esi sicutshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

UTHANDO NGEMIHLA YAMANDULO

1. Kule mihla siphila kuyo sinemihla esimana sisalatha uthando ngayo, kuthiwe lo mhla lusuku loomama; lo mhla lusuku lokuzalwa; lo mhla lusuku lukaValentine (usuku lwezithandwa); lo mhla lusuku lootata. Le mihla inikwa imbeko nobunganga ngokuthunyelelwa kwabantu abachaphazelekayo iincwadi ezininzi emihle. Bambi bathenga izipho, bambi bathenga ikeyiki ezinamakhandlela. La makhandlela athi alunyekwe aze athi akuvutha avuthelwe acinywe. Kuze emva koko kusikwe izilayana zekeyiki kwabelwe abantu abakhoyo, baze abangekhoyo babekelwe ezabo. Iba yimisitho ebukeyiki le kungqutyaniwe neengosi zewayini kuvunywe neengoma zothando. Yonke ke le nquleqhu ngumvungulo wempucuko yaseNtshona. Ngamasiko esiwakope emLungwini. Ngaba sasingekangeni ncam kwempucuko? Ngaba uthando yayinto eqhutywa njani?
2. Abantu bakudala bakwaNtu babenazo iindlela ezizezabo zokonwabela nokubonisa uthando omnye komnye. Apha kuthi maXhosa umba wothando ububonakala kakhulu ngalaa mihla yobutsha. Laa mihla yemitshotsho yamakhwenkwe namantombazana, nangalaa mihla yeentlombe zabafana neentombi. Abantu bezi ndibano zingentla bebesenza izigqibo bobabini, owasetyhini nowasebuhlanti. Izigqibo zomtshato bezingalawulwa luthando, ezo ibiba zizigqibo zamakhaya amabini, amathile namaNantsi emva kokuba kulandelwe izithethe namasiko esiXhosa ajongene nemitshato. Intombi xa iza kwenda ibixelelwa nje ukuba iyenda. AmaXhosa ebezinika inkxamleko yokuba ayiyale. Kuthiwe, **Imizi ayifani ifana ngeentlanti kuphela**. Ungathathi amasiko eli khaya uwase komnye umzi. Uncede uziphathe kakuhle uhloniphe unyoko noyihlo, wazi ukuba ngehlazo olenzileyo kwakuhlokoma iintlambo nezawana. Abafazi neentombi xa ziya naxa zisuka emlanjeni zakuhamba zisima ziphatha kuqhweba zigigitheka zihleka. Uyayazi ukuba zakuba zonwatyiswe yintoni? Unozala walo mincili iya kuba isisimilo sakho esibi. Abanye bakude bathi: “Uhu-um! Sayibona ke le nto! Kowu wazenza umntwana kabani elungile. Yhini ukuzeka iinduluka.”
3. Uncede mntwanam ufuze unyoko. Unyoko wazekwa kulo mzi ngenxa yokuba kuthandwe isimilo sakhe esingagwexekanga. Unangoku zange agwexe mntu kweli khaya. Unyoko wazithoba wazalela lo mzi; unyoko wawagcina amasiko alo mzi. Ungabeza bezingca besithi: ‘Ndifunga umha’ Ngumntu omkhulu nonesidima othi afungwe. Uncede mntwanam uziphathe kakuhle. Intombi nayo ibiwalulamela la mazwi yende isiya emzini ngeliya kubopha ityathanga lobuhlobo phakathi kwemizi emibini. Elo soka mhlawumbi zange alibone nasemdudweni.

4. Kaloku le ntombi ifundisiwe phaya emtshotshweni, entlombeni nakwantonjane. Inkonzo yomendo ibidibanisa umntu nezinyanya zakhe. Intombi ke ibizithobela iziyalo. Izinto zangoku bendithe zitshintshile. Imihla yangoku yimihla yemali, inkqubela nobunewunewu. Umtshato uqulunqwa ngumfana nentombi. Umcimbi wabo usiwa ngabo kwamakwabo. Baze abazali babatshatise babayale. Eminye imitshato iyaqina bathandane abantu baye ekufeni. Kweminye uthando luye lufane nesigalethi luphele uze umtshato bawuqhawule. Umahluko phakathi komtshato wangoku nowamandulo kukuba owangoku ulawulwa luthando kanti owamandulo yayikukuba abatshati babezenza idini looyise nezinyanya. Zintle ke ezi zinto zombini. Elilumkileyo kumntu wangoku oza kutshata lelithi qalani nazane. Kufuneka nihlale kunye kwingingqi enye.
5. Ngemihla yakudala indoda ibibaluleka ngenani leentombi ethandana nazo. Indoda engathandani nantombi ibingafunwa ziintombi. Naphakathi koluntu isoloko igxekwa ngokungathandi nokungakwazi ukuncokola nomthinjana. Umfana othandana neentombi ezininzi ebebizwa ngokuba ngulewu. Umfana omana ebhaqisa zize ezo ntombi zimale bekusithiwa ngubhulu. Umfana obalaseleyo ekuvunyweni ziintombi, mfana lowo uthi ashiye nolewu bekusithiwa sisikhotsholo. Umfana owoyika ukuthetha neentombi sele zibonisa umnqweno wokuthandana naye bekusithiwa sisishumane. Isishumane nobhulu bezingathandwa zintombi. Bekude kubekho neengoma ezivunywayo ziintombi zibonisa ukuchaswa kwezi zimo.

[*Ndingula izihlwele zasekhaya. Iphepha 61–63 yaze yahlelwa*]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Usuku lweValentina lubonakaliswa njani ngabantu? (1)
- 1.1.2 Nguwuphi umbala osetyenziswayo ukubonisa olu suku luluntu? (1)
- 1.1.3 Chonga isivakalisi esichaza ukuba eli siko lokuthenga ikeyiki namakhandlela asilosiko labantu abaNtsundu. (1)
- 1.1.4 Ikeyiki ebanamakhandlela iba yeyesiphi isikhumbuzo? (1)

Jonga kumhlathi 2 no 3

- 1.1.5 Tolika le ntetho:
“Ngehlazo olenzileyo kuya kuhlokoma iintlambo nezawana.” (1)
- 1.1.6 Ububoniswa nini umba wothando lulutsha lwamandulo? (1)
- 1.1.7 Yintoni injongo yokuba kuthiwe intombi ize ingathathi amasiko eli khaya iwase komnye umzi? (1)
- 1.1.8 Izigqibo zomtshato zazilawulwa yintoni? (1)
- 1.1.9 Zinto zini ebezichatshazelwa kwaXhosa xa kuyalwa intombi eza kutshata? Nika zibe MBINI. (2)
- 1.1.10 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa esingentla. (2)

Jonga kumhlathi 4 no 5

- 1.1.11 Intetho ethi “uthando lufana nesigalethi luphele” inika wuphi umfanekiso? (1)
- 1.1.12 Wawahluke njani umtshato wangoku kumtshato wamandulo? (2)
- 1.1.13 Umfana owoyika ukuthetha neentombi nangona zibonakalisa umnqweno bekusithiwa yintoni? (1)
- 1.1.14 Ucebisa ntoni umbhali kubantu abathandanayo abacinga ngokuzimanya ngeqhina lomtshato? (1)


Ungajongi kumhlathi

- 1.1.15 Umfazi xa esamkelwa okokuqala emzini wakhe engathwalwanga, uye atyiswe ... Gqibezela (1)
- 1.1.16 Usuku loomama lungayiphi inyanga? Nika inyanga nomhla. (2)
- 1.1.17 Yintoni edla ngokwenziwa nguMzantsi Afrika ngale nyanga yomama? (2)
- 1.1.18 Usuku lweValentine lunegalelo kwezoqoqosho: Ngqina olu luvo. (2)

[24]

ISICATSHULWA 2: OKUBONWAYO

1.2 Jonga lo mfanekiso wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.



[Ithathwe kwiSunday Times: 10 Epreli 2011 yahlelwa]

- 1.2.1 Lo mntu uphethe umboko ungathi ngumntu onjani? (1)
- 1.2.2 Yintoni injongo yokuba agaye ivoti ngoluhlobo enza ngalo? (2)
- 1.2.3 Chaza indlela anokuba uziva ngayo lo mntu uhleli esitulweni esinamavili. (2)
- 1.2.4 Uthuli olubonakala emva kwesitulo esinamavili lubonisa ntoni kule khathuni? (1)
- [6]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

- Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule ukusishwankathela ngamazwi akho ungalululi kumagama angama 50 – 60.
- Bhala inani lamagama ekupheleni kwesishwankathelo.
- Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.

Ulwabiwo lwamanqaku:

- Iingongoma ezisixhenxe. (7)
- Ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo (3)

Buyintoni na ubudlelwane?

Ubudlelwane yimvisiswano ekukuhlobana ngendlela ezohlukeneyo. Apha kwimvisiswano kukho ubuhlobo bokuzalana ngegazi. Kubakho nobuhlobo obuthengwa ngeenkomo nobubizwa ngokuba lulwalamano. Ubuhlobo ke bahluke kakhulu kule nto sithi kukuvana. Ihambo ihamba nokuba ngabahlobo. Abahlobo ngabantu abadityaniswa kukuvana, le nto sithi xa siyibiza ngoogxa. Masicacelwe ukuba izihlobo zizizalwane, ze abahlobo ibe ngabadityaniswa yimvano yabo engenanto yakwenza nokuzalana. Zonke ke ezi ndidi zobudlelwane nokuvisisana zinobugocigoci bazo. Xa sithetha ngokuhlobana okanye ukuzalana oku kubaluleke kangakanani na. Naxa abantu bakwaXhosa bedibana endleleni, bengazani wova omnye ebulisa komnye, akasuki agqithe ngokungathi ugqitha esidulini. Ukuba khona omnye ulincoko uya kuqala incoko yokufuna ukwazi ukuba kubhekiswa ngaphi na, engowaphi engumni na isiduko sakhe.

Ngencoko enjalo kode kuvele ukuzalana kuba ngelinye ixesha abancokolayo bathi bakufikelela kumbandela weziduko kuvele into yokuba kuthe kanti omnye ngumntu wakuloninakhulu okanye udade owendele kweso siduko athe wasixela njalo njalo.

Kuthe kwakungena intlalo yesidolophu kwavela nokuba umntu athi xa edlula komnye ajonge le-e endenxe egqithe ngomtshokotsho komnye ngathi ugqitha elityeni. Le nto isuka ibonakalise ukuphela kobudlelwane phakathi koluntu. Yiyo nale nto sithi xa sidibana kwanti kusuke kuvuke uburhalarhume bokugebengana.

Obuya budlelwane bokubanga ukuzalana bafa. Nangoku soloko abantu begxeka abantu abathanda izihlobo kusithiwa lowo uzithanda gqitha izihlobo ngathi kukho into aza kuyifumana ngokuzalana. Zezi ntetho zinje ezibatheza amandla abantu bakowethu abanobubele, zisenziwa ngabantu abanolunya nabangaliqondiyo ixabiso lobudlelwane.

Umcimbi wokuzalana uxhomekeka nakwiintlanga ngeentlanga. Njani? Kukho into yokuba uhlanga oluthile lubone ubuhlobo obuthile ibobusondele kakhulu namathile, ekubeni mhlawumbi ezinye iintlanga zingayiboneli budlelwane le ndlela thina siyibona ikukuzalana. AmaXhosa ukuzalana kuwo kuxhonywa kwiziduko. Akukho nto izalanisa omnye komnye kuthi ukogqitha ukuba nesiduko esinye.

[Ithathwe ku *Masikhanyise* Gr12 Iphepha 28]

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

Funda esi sibhengezo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



Yonwaba elangeni
Wonke umntu ufanele athambise isikhuseli-langa unyaka wonke, ingakumbi kwilanga lase-Afrika elibukhali. Ukusebenzisa isun lotion ebusweni nasemva kwezandla kuthintela ukoma kwesikhumba nokuguga phambi kwexesha, kwehlisa nobungozi besifo somhlaza wesikhumba. Siyayithanda iGarnier Amber Solaire Clear protect+ SPF30 (R109.99). Ikhusela ikhazimlise isikhumba (ayisisihayi singwevu/ sinomaleko omhlophe) kwaye inevumba elimnandi.

[Ithathwe kwiBona Novemba 2012, Iphepha 19]

- 3.1 Yeyiphi le mveliso ithengiswa apha ngasentla? (1)
- 3.2 Isikhuseli-langa sisetyenziswa ebusika ngabantu abamhlophe kuphela: Yinyani okanye Asiyonyani? Xhasa impendulo yakho. (1)
- 3.3 Khetha ibeNYE echanekileyo: Igama 'ebukhali' lidla ngokusetyenziswa xa kubhekiswa (e-emeleni, emeleni). (1)
- 3.4 Injongo yale mveliso kukukhusela abantu elangeni. Ewe okanye hayi, nika isizathu sempendulo yakho? (2)
- 3.5 Loluphi udidi lwabantu olunokusebenzisa le mveliso? (1)
- 3.6 Le mveliso iluncedo ebantwini: Ingaba ibanceda njani? (2)
- 3.7 Isifo somhlaza ngesiNgesi yi ... Gqibezela (1)
- 3.8 Chonga ibinzana elicacisa ukuba ngenene le mveliso isiphatha kakuhle isikhumba sakho kwaye ayisitshintshi. (1)

[10]

UMBUZO 4

Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Majimbos

Ngu: THEMBA SIVELA

RASTA SHOTI, STIX CHISKOP

1 EISH Majimbos ndiyogulal Isisa sam sibuhlungu! Owu, Terho!

2 Yheyi Stix, hla! naShoti UChiskop uza kuyatheng' iyeza mna ndizakubiz' i-ambulensi STIX: Kulungile.

3 Emva kwethutyana... Nali iyeza. Sela amacephe amabini uze uphume. Uza kuba bhelele msinyane, mfawethu!

4 Ndilisele!?! Hi, uthini?! aungamlama wam obuhlungu!! Utheth' ukuthini kanye?

5 Nditheth' ukuthi kufuneka ndiligalele apha kubuhlungu khona! Intoni?-

6 Ningakhathazeki majita, andiguli bendifun' ukuba nindikhathalele kangakanani nal

7 Uyazi yintoni? Uza kuqanjelwa ngumzimba ke ngaku .

COPYRIGHT THEMBA SIVELA 2004. BONA XHOSA - June 111

[Ithathwe kwiBona Juni 2004]

- 4.1 Isikhuzo u “owu torho” kwibhokisi 1, sibonisa ntoni? (1)
- 4.2 Isivakalisi esikwibhokisi yesibini sikweliphi ixesha? (1)
- 4.3 Kwibhokisi 3 kukho isibizo esingenaceba: Ingaba kutheni kunjalo? (1)
- 4.4 Qala esi sivakalisi silandelayo ngegama ‘isisu’
Wohlukene naso nesisu ebesimluma imini yonke. (1)
- 4.5 Igama u “Majita” asilogama lamkelekileyo esiXhoseni: Nika igama elifanelekileyo endaweni yalo. (1)
- 4.6 Intetho ekwibhokisi 7 isisafobe. Nika udidi lwesafobe eso. (1)
- 4.7 Yakha iqhalo okanye isaci ngegama “isisu” (1)
- 4.8 Bhala ezi zivakalisi zingezantsi zibe sisivakalisi esinye ngokuthi ufakele isihlanganisi esifanelekileyo. (1)
Simlumile isisu. Ebelisele iyeza.
- 4.9 Tshintsha isivakalisi esingezantsi sibe kwingxelo ntetho. (2)
“Sela nali iyeza, uze uphumle”. Utshilo uChiskop kuRasta

[10]

UMBUZO 5

- 5.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo.

JONGA APHO USUKA KHONA

Ndaqala ukufunda ukuqhuba imoto malunga neminyaka engama-35 eyadlulayo.

Kuqala ndandicinga ukuba kulula njengokuba ndandiye ndibukele utata xa ethe chu eqhuba. Ndiseyinkwenkwana, wakhe wandivumela ukuba ndihlale phezulu kwakhe ndibambe ivili lokuqhuba.

Ndothuswa kukuba, ukuzibambela ngokwakho ivili lokuqhuba kwahluke kakhulu. Ngokuya ndiqhuba, kwaya ngokuba lula ndade ndafikela kwinqanaba lokuba ndiqhube ngaphandle kokucinga namanyathelo amancinane okuqhuba. Ubomi bufana nqwa nokuqhuba. Kufuneka wenze izinto ezinintsi ngexesha elinye ngokulandelelana kwazo. Akulung**anga** ukuhlala ungakwazi okuqhubekayo kwindawo ekungqongileyo. Kufuneka ube ngumuntu onomonde ncingela abanye abaqhubi ukuze uhlale ukhuselekile.

Eyona njongo yokuba ukwazi ukuqhuba kukuba ukwazi ukusuka kule ndawo uye kwelandelayo ngexesha elililo.

[Ithathwe kwi*Bona* yaze yahlelwa]

- 5.1.1 Kwimigca emibini yokuqala kukho isihlomelo kwesi sicutshulwa singentla:

Sikhuphe unike nodidi.

(2)

- 5.1.2 Nika igama elithetha into enye negama “ekungqongileyo” (1)
- 5.1.3 Igama ‘onomonde’ sisibanjalo: Loluphi udidi lwesibanjalo? (1)
- 5.1.4 Caphula isifanekisozwi kule tekisi ingentla? (1)
- 5.1.5 Gqibezela esi sivakalisi singezantsi ngokuthi ufakele igama elisisikhomokazi segama, elithi, ‘inkwenkwana’. ... iqhuba imoto (1)
- 5.1.6 Isimamva esikrwelelwe umgca kwisicatshulwa sibonisa ntoni? (1)
- 5.1.7 Isimamva u-ana kwisibizo u’inkwenkwe’ senze msebenzi mni kwesa sivakalisi? (1)
- 5.1.8 Yakha isivakalisi esingezantsi ngokuchanekileyo ukuze sibe nentsingiselo evakalayo. (1)
Imoto i(qhuba) ngutata.
- 5.1.9 Zingela iziphene zibe ziBINI kwesi sicutshulwa singentla uzilungise. (2)
- 5.1.10 Chonga isimelabizo esikwimigca emibini yokugqibela kwisicatshulwa unike nodidi kwaso. (2)
- 5.1.11 Bhala igama leminyaka ekwisicatshulwa ngamagama esiXhosa. (1)

5.2 Jonga lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo.



[Ithathwe kwi-*intanethi*, yahlelwa]

- 5.2.1 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo:
Imiphunga iyonakala kukutshaya. (1)
- 5.2.2 Isenzi 'uyaphela' kwesi sivakalisi singezantsi sikoluphi uhlobo?
Lo mphunga uyaphela. (1)
- 5.2.3 Lo mfana unxibe isinxibo **esimnyama**. Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili. (1)
- 5.2.4 U-esimnyama kwesi sivakalisi siku 5.2.3 usisichazi: Loluphi udidi lwesichazi? (1)
- 5.2.5 Igama 'umphunga' uneentsingiselo ezimbini: Yeyiphi enye intsingiselo ngaphandle kwale uyibona emfanekisweni? (1)
- 5.2.6 Umntu othanda kakhulu ukutshaya yi(ngede, ngedle, yintshayi) (1)

[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80

